**UNIVERSITY OF FORT HARE**

XHS323E/XHS323

**DEGREE EXAMINATIONS**
**Nov/Dec 2019**

..................................................................................................................................

**Time:** 3 HOURS

**Subject:** IsiXhosa Advanced Linguistics

**Marks:** 100

**This paper consists of 4 pages including cover page**


**Internal Examiners**

Prof N.P.Satyo
Dr N.Z.Gxekwa
Dr D.G.Spofana
Dr Z.Saul

**External Examiners**

Dr Z.Made


## IMIYALELO

**AMACANDELO MAHLANU KWELI PHEPHA WENA MFUNDI PHENDULA AMACANDELO AMANE!!! OKU KUTHETHA UKUBA UPHENDULA IMIBUZO EMINE!!!**

**IFONETIKI**

Umbuzo 1

Chaza konke okwaziyo ngokubhekisele kwiinkqubo zefonoloji zeelwimi zesiNguni.

**(25)**

**ISEMANTIKI**

Umbuzo 2

"The meaning of a word is often complex, having such component as a picture, an idea, a quality, a relationship and personal feelings and association (Red, 2012:1). Le ngcali yolwimi izibalulile izinto ezithi zithi tha emntwini xa kuthetha ngentsingiselo yegama. Khawuxoxe ngeendidi zentsingiselo zamagama othe wazifunda kule modyuli uzame nawe ukubonisa izinto ezivelayo echancathe kuzo le ngcali yolwimi uRed.

**(25)**

**OKANYE**

Umbuzo 3

Abantu, iintyatyambo, izilwanyana nezinye izinto ezidalwe nguThixo ziyazalana. Betha koomofu mfundi ubonakalise okwaziyo malunga nokuzalana kwentsingiselo yamagama apha kwiSemantiki.

**(25)**

**OKANYE**

Umbuzo 4

Izijekulo (signs) zahlulwe **kathathu**. Nika ezi zahlulo. (6)

Zeziphi ezi ndidi zokwalatha **zintathu**? (6)

**Zintlanu** izinto eziphawulekayo malunga nemigaqo elawula isihloko.

Zeziphi? (5)

Ifilosofi le igxininise kwintoni? (2)

Nika iindidi zeenyaniso **ezintathu**. (6)

**(25)**

## ISINTAKSI

Umbuzo 5

Khawutyatyadule mlesi uxoxe ngokubalukela kwamacandelo olwimi okhe wafunda ngawo abaluleke kakhulu kulwakhiwo lwezivakalisi.

**(25)**

## OKANYE

Umbuzo 6

Chaza isivakalisi ulandela ngokulandela imigaqo yesintaksi. (02)

Yeyiphi ithiyori esiyilandelayo kufundo lwesintaksi? (02)

Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokwendlela imigaqo binzana-lwakheko ejenereyitha ngayo isivakalisi:

**Lo mfuyi uthatha isabhokhwe**. (11)

Zoba imo-mthi yesi sivakalisi silandelayo:

**Abantwana bamfikele umama exakekile**. (10)

**(25)**

## IMOFOLOJI

Umbuzo 7

Cacisa umahluko ngokwemo-zakhi wezimaphambili zezibizo kwisiNguni kula mahlelo alandelayo: 5, 6, 10 uzekelise. (08)

Sisetyenziswa njani isiqu u-*ni?* (10)

Qwalasela ezi zivakalisi zilandelayo, utsho ukuba isivakalisi ngasinye sikuluphi udidi lwesibanjalo:

a. **Nguye** lo wenze le nto imanyumnyezi.

b. **Kumnandi** ukutya okuphekwe nguNomsa.

c. Emva kokufunda kakhulu ndiye **ndanentloko** ebuhlungu.

d. **Nangu** umkhwe enxibe ibhulukhwe emnyama.

e. **Yaba ngulowo** umntu wacinga ngendlela eya ekhaya ekhumbula amazwi enkosi.

(05)

Sebenzisa ezi zifanekiso-zwi kwizivakalisi: *qete, tu.* (02)

**(25)**

**OKANYE**

Umbuzo 8

a) Chaza ukusetyenziswa kwemilo yokungathiza yohlobo lokuqondisa kwezi zivakalisi zilandelayo:

1. Ndingakuthengisela amathumbu akho.
2. Ndinga ungandihlambela kwakhona.
3. Ngathi yinyoka le sisebenza nayo apha.
4. Ngahle agwetye ubomi ngenxa yokubulala.
5. Ngamana zathomalala izigxeko phantsi kwakho

(15)

b) 1.Sahluke njani isiyaleli kwezinye iintlobo zezenzi? (4)

2.Sakhiwa njani isiyaleli? Zekeliswa ngokuthi unike iziyaleli ezo kwizivakalisi (6)

**(25)**

**IPRAGMATIKI**

Umbuzo 9

Uthi uBotha (1983) xa ethetha ngokubaluleka kwePragmatiki: "Pragmatics entails the effective use of different types of expressions". Camngca le ngcamango wandule ukubonisa indlela isimbo nolwimi olusebenza ngayo ngokukuko ekuphuhliseni ingxam yebali eliqhotyoshelweyo elithi "Isiseko sothatho" ngokubhalwe nguLindiwe Madikwa kwincwadi kaSindiwe Magona.

**(25)**

LINDIWE MADIKWA

# Isiseko Sothando

Phaya eLibode, kwilali yaseTyarha, kukho mzana womfo wasemaMpingeni, uVanayedwa igama, into kaJama. UMnumzana Jama lo uzeke emaCirheni. Inkosikazi yakhe, uNowinile, nayo ikwayinzalelwana yalapho eTyarha. Aba bantu balizwe ngabantwana ababini kuphela. Izibulo labo, uNomthandazo, yinqununu yesikolo samabanga aphakamileyo, kwenye yeelokishi zaseKapa. Lona iphelo, uMbulelo, ngumfama owaziwayo, kude-kufuphi nalapho eLibode, kwindawo ekuthiwa kuseNcise.

Awungeze waze wawuphosa lo mzi kaMbholokoqoshe, nokuba ungumhambi na kwelo. Kaloku, nguwo lowo uyingqimba yoqilima kanye apha enyeleni yelali le. Ukuba uhamba ngesithuthi, uvele nje uthi, 'Ndehlise kwaMawawa,' kube kuphela. Kaloku, nesi sikhululo saziwa ngegama lakhe lo umfo wakwaJama. Wothi ke usehla kweso sikhululo, esisesesibini, xa ungena elalini le uvela ngasedolophini, iLibode, ube lo mzi sele ukukhwaza kade. Phofu, nalapho kweso sithuthi, ukuba ukhe nje watsho ukuba uya kwaJama, ngekhe waze wangawukhonjiswa. Kaloku lo mfo udume kunene; ingekuko nje apho eLibode koko nandaweni zimbi kuloo mmandla. Kunjalo kaloku ukuba sesingasawothiyo umlilo sona isinhanha; nanjengoko neli pomakazi lomzi lintama.

Fika ke wena apho kwaMawawa; bububele bodwa oya kubufumana. Umntu nomkakhe ngathi bazalwa mfazi mnye, ndlela le banobuntu ngayo. Ncoma ke wena, ingakumbi ukuba uncome le mpumelelo icace nakuthathatha. Uya kumva umninimzi ethinta isikhohlela kancinci phambi kokuba akubalisele imfihlelo yempumelelo.

"Ngumzi kaNowinile lo!"

Abantu abaninzi badla ngokuzonela ngokufuna ukumphikisa lo



mfo. Andithi kaloku, izibamba-sithethe zibethelelekile kwelithi umzi wakhiwa yindoda. Abo bangcinga zinjalo, uMpinga ukhawuleza abalungise, ebashenxisa kuloo ngcinga injalo.

"Ndaba nelikhulu mna, ithamsanqa. Amadoda amaninzi athi aya emisebenzini ezidolophini; aphuncukana nemizi yawo. Kaloku, thina besizeka, kanti, uza kushiya loo mtshakazana apha kowenu, wena uthathe ijoyini.

"Ke, imithetho yelo xesha ibikwalela ukuba uye nosapho olo lwakho apho emsebenzini."

Ngekhe ke, uMawawa lo, wanganqumami akufika kule ndawo. Ukuba uyaqwalasela, uya kufika ubuso busangene; kucaca ukuba asinkumbulo le imvuyisayo. Uya kunikina intloko kancinci, abuye athathise.

"Mna lo, ndithatha umfazi. Le ntombi, ndiyibone emtshatweni womzala wam. Ndihlatywe kukutyityimba kwayo kuloo mtshato. Ingavumi, *ma'an,* ibhodla! Ufanelekile umntan' omntu. Mhle. Hayi, ndazincama. Ndaqala ndaphanda kwezinye ezi iintombi, ndeva ukuba yeyeyiphi na ilali yaye iyeyakwabani. Thina ke, into obufuna ukuyazi, ungumfana, kukuba le ntombi uyibonayo asingodade wenu; qha ke.

"Ndathi ke ndakuva ukuba nguMamCirha, ndagibiseleka kuyo, ndiphimisa. Yabangathi, "Hayi, hayi, ndisafunda!" andakhe ndimamele loo mfitshimfitshi, mna. Ndaya ndiqinisile kutata. Kwangezo ntsuku, kwathunyelwa amadoda kowayo; savunywa. Ungalibali ke, kusenzeka le nto nje, ndisendleleni; seziphelile iintsuku zam, kufuneka ndibuyele emsebenzini. Kodwa ke, akuzange kube kudala, ndamthatha. Ndandiqonda nje ukuba andingeze ndibuyele emsebenzini ndingazekanga.

"Ndashiya lo mfazana ke, ndaya emsebenzini, eKapa. Ndiyabona ukuba eliya Kapa, linento elinayo apha kulo mzi. Andithi nentombi yethu nantso kwelo Kapa, namhlanje? Ibe andiqondi ukuba iyakucinga, ukukucinga oku ukuza kusebenza apha ezilalini. Mhlawumbi ke, ukhumbula apho akhulele khona umntwan' am.